



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2009

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ali-17.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Nceda ufunde eli phepha ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Ungazami ukufunda lonke iphepha. Funda isiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uchonge amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha LINAMACANDELO amaNE:

ICANDELO A: Inoveli	(35)
ICANDELO B: Idrama	(35)
ICANDELO C: Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D: Isihobe	(35)
4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.
5. Phendula imibuzo emiBINI kumaCandelo omane. Umbuzo omNYE kwicandelo ngalinye kwamabini. (Umbuzo omnye kwijenri nganye efundiweyo) enamanqaku angama-70.
6. Bhala iinombolo zeempendulo zakho kanye ngolu hlobo zilulo kwimibuzo.
7. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.
8. Bhala cocekileyo nacacileyo.
9. Isikhokhelo sokulawula ixesha: Thabatha kangangemizuzu engama-60 ubude kwicandelo ngalinye.
10. Sebenzisa iirubrikhi ezincanyathiselweyo ukumakisha imibuzo emide.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

UNozililo uzenza umhlobo kaNomakhwezi ngeenjongo zokumenzakalisa. Uyingcuka eyambethe ufele lwegusha. Ubutha kwaNomakhwezi ezise iindaba zelokishi, ange uyamcebisa kanti ufuna ukumsela inyongo ngenxa yomona anawo wevenkile yabo abayithenga kumSuthu. Uthi abanalungelo lokuba nevenkile ngoba abangobahlali. Unabo nobuhlanga kuba uthi abangomaZulu, ilifa labantwana babo lithathwe kubo bejongile.

UNomakhwezi akazi ukuba bayazondwa kwaye ilokishi yonke ayibazele nto ngenxa yolwimi lukaNozililo. UNozililo uyamcebisa ukuba amjonge uLungile kuba unyawo lwakhe lunebatha, xa ehambile akayeli le nto athi uyela yona, uyela nezinye izinto. Ude athi abantu bayambona, kwaye bayathetha. UNomakhwezi ngenxa yobukhwele bakhe utsho athi lwale angaboni nto, angacingi nto, kuphela abone le nto ayixelelwayo. Oku kwenze kwaba kubi emzini wakhe, lwaphela uxolo, yaphela imvisiswano phakathi kwakhe nomyeni wakhe nabantu ahlala nabo. Basoloko bekhwithana nomyeni wakhe mihla le. Injongo kaNozililo kukuba uLungile noNomakhwezi baxabane ukuze ivenkile itshone, ize kuthengiswa baze bakwazi ukuyifumana.

Ubukhwele bukaNomakhwezi bumenze akabi nambeko kumyeni wakhe, wayemhlalele ngezithuko. Wayebaqumbele abantu evenkileni yaza loo nto yamnceda uNozililo kuba yile nto ayifunayo. Wamhleba uNomakhwezi esithi uzenza bhetele ngabantu kuba enevenkile ngamaqhinga. Wayenabo nobuhlanga, ingqumbo nenkohlakalo, Mve xa athi, “kakade liMpondo elitheni eli lize kuzityebisa ngathi kudala silapha”.

UNozililo wayemazi ukuba uNomakhwezi akabafuni abantu bomzi wakhe ingakumbi uThamsanqa. Waya kumhleba uThamsanqa kuNomakhwezi ukuba unika abantu belokishi iimpahla zevenkile ngaphandle kwemali. Wayeyenza le nto kuba wayemazi uNomakhwezi ukuba akamfuni kwaye akamkhathalele, exabanisa. Kwakhona wayebona ukuba uyavana uThamsanqa nabathengi into eyenze landa inani labathengi. Le venkile yayise ime ngaye abantu bemthanda. Yabambi impatho kuThamsanqa ngenxa yale ntlebendwane. Uphinda athi abantu bathi axhomile amaxabiso ale venkile.

Wayemhleba uNomakhwezi kootshomi bakhe uMaMiya noMaMtolo ngelithi ufane eqesha abantu abaninzi ngathi kukho into ebhetele abaza kuyenza. Wasasaza ulwimi lokuba uLungile uyathandana eThekwini wathi akugqiba waya kuxelela inkosikazi yakhe. Waqonda ukuba uwugqibile umzi kaLungile kuba uNomakhwezi wayebila ngumsindo ehambela phezulu engaziva ephethwe ngamagxa.

UNozililo akazange aye nasemngcwabeni kaNomakhwezi njengetshomi yakhe, ngabula yena, koko ebesebhungeni lokubhukuqa uMpumelelo oyindlalifa ngoku neetshomi zakhe. Akancami nangoku sebebhubhile abazali bakaMpumelelo, amsizele. Uthumela ootsotsi ukuba baye kuqhekeza evenkileni bebe impahla, waza wagqibela ngokuba bayitshise le venkile kube kanye.

[35]

OKANYE

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

- 2.1 2.1.1 NguYolisa ✓ (1)
- 2.1.2 UNomakhwezi, umntwana womnakwabo. ✓ (1)
- 2.1.3 C Imthoba isidima ✓ (1)
- 2.1.4 Kugqiba kulwa uNomakhwezi nomyeni wakhe, wabotyzoza imoto yasemsebenzini kaLungile, emthuka. ✓✓ (2)
- 2.1.5 Ukuxambulisa nendoda kugqibele wena ungumfazi. ✓✓ (2)
- 2.1.6 Ihamba ngoLungile usebenza ngayo. ✓✓ (2)
- 2.1.7 Kutheni uzenzela ilishwa lokwaliwa ngenxa yesimilo sakho esibi/Kutheni usenza izinto ezingenziwayo nje/ungahloniphi nje/awunasimilo. ✓✓ (2)
- 2.1.8 Ukhathazekile. Kanti wawundisusa ekhaya ndizonwabele nje wawufuna ukuba ndize kubukela obu bundlavini? ✓✓ (2)
- 2.1.9 Zizenzo zobubi. Xa unemikhuba wenza izinto ezingalunganga, ezingamkelekanga eluntwini, ezimbi, ezihambisa umzimba/ ezingafanelanga ukuba zenziwe. ✓✓ (2)
- 2.1.10 Hayi andivumelani noko, umntu uyayenza imikhuba efundile engafundanga njengoNomakhwezi lo kuba ufundile kodwa unemikhuba. ✓✓ (2)
- 2.1.11 Lungile (1)
- 2.1.12 Imphethe kakubi, iyamthuka, ayimniki imbeko njengendoda, iyamgxavula xa ithetha naye, ayimlindi nokuba ahlale phantsi ikhwela izehlela kuye. ✓ (1)
- 2.1.13 Ewe, kuba ngokwesiXhosa umfazi kufuneka ayithobele indoda yakhe, ayithande abe nembeko kuyo. Hayi, andivumelani kuba loo nto yayisenziwa kudala ngoku siyalingana. ✓✓ (2)
- 2.1.14 Kukuthetha ngomsindo ungaphumli ude utsaleke intamo le ukhwaza. ✓✓ (2)
- 2.1.15 Ewe, uyayazi into athetha ngayo uyabona kwaye mdala uthetha ngamava. noNomakhwezi akaphiki. ✓✓ (2)
- 2.1.16 Ewe, kuba licebo elilungileyo, noba uyayenza into engalunganga uyayazi ukuba ayilunganga. Hayi, bendiza kwenza ngokubona kwam kuba akayiva into endiyivayo ubuhlungu endibunyamezeleyo. ✓✓ [Izimvo ezivakalayo ziya kwamkeleka] (2)

- | | | | |
|-----|-------|--|-----|
| 2.2 | 2.2.1 | Unoxinzelelo lwegazi nokudinwa okungummangaliso. ✓ | (1) |
| | 2.2.2 | Ngokuba yinkulu yakhe ekuphela kwayo. ✓ | (1) |
| | 2.2.3 | Akonwabanga ngenxa yemeko ahleli kuyo emzini wakhe, impatho'mbi yenkosikazi yakhe. ✓ | (1) |
| | 2.2.4 | Aze angaze asiyeke isikolo nokuba sekuyintoni na uyakuphumelela ngokwenza njalo. ✓ | (1) |
| | 2.2.5 | Ewe kuba wafunda wada waba ngugqirha. ✓✓ | (2) |
| | 2.2.6 | Aze agcine unina nokuba kuyintoni na. ✓✓ | (2) |
- [35]

OKANYE

UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)

UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

UBUNGCINA OBUKHOKELELA EKUBANJWENI KUKALINDA

Ngobusuku bokubulawa kukaEddie noLulama uLinda wayemele ukuphuma noEddie besiya kumboniso kaNongqawuse eRio Cinema. ULinda ubhalela uEddie ileta emxelela ukuba akaphumeleli ukuhamba naye, ke uyamkhulula ukuba ahambe nesinye isithandwa sakhe. Ngobo busuku uLinda uziva engonwabanga ecinga izinto ezidla ngokuthethwa ngabantu besithi uEddie uyathandana, uphela esiya kwaMakheswa afike azintyintye ngotywala.

Ubuya apho enxilile, unxiba impahla ebeza kuyinxiba xa esiya kumboniso, kwezo mpahla kukho nedyasi yakhe yodidi oluphezulu ebizwa ngokuba yimink coat, uyaziwa ukuba nguyeyedwa onxiba olu didi lwedyasi. Enxibe enjalo uyatipa alale.

Ivolovolo edubule yabulala uEddie noLulama yi.38 automatic yaye yekaLinda. Xa kuzokucutshwa uLinda uthi ivolovolo yakhe yalahleka. Akukho nto emthethelelayo kuba zange aye kuyixela emapoliseni. Umcuphi uDick ufumana le volovolo kuthiwa yalahleka kwisingxobo sikaLinda xa ezokuphanda kwaLinda.

ULinda uthi umthembile uEddie soze abe nayo enye inkazana kodwa yena Linda ubhale ileta ngokwakhe esithi uEddie makahambe nesinye isithandwa sakhe aze athi ebemdlalisa.

UJoe Bumba ongomnye wabaphathi beMoonglow Club unika ubungqina bokuba ngosuku lokufa kukaEddie noLulama kukho inenekazi elangena eRio linxibe ibhatyi efana nekaLinda. Lafika nje laphinda laphuma lakhwela umnyobo

wemoto eyaya kutshona kwisinga ekwafela kuso uEddie noLulama. Umzila UJoe Bumba ongomnye wabaphathi beMoonglow Club unika ubungqina bokuba ngosuku lokufa kukaEddie noLulama kukho inenekazi elangena eRio linxibe ibhatyi efana nekaLinda. Lafika nje laphinda laphuma lakhwela umnyobo wemoto eyaya kutshona kwisinga ekwafela kuso uEddie noLulama. Umzila wamavili akulo ndawo ngowe Road masters tyres kwaye umntu osebenzisa loo mavili nguLinda Monti. Xa uDick eyokuphanda kwaLinda ufika uLinda enxibe le bhatyi inoboya obumfumamfuma efana neyenenekazi elangena eRio ngathi likhangela into lakugqiba laphela emehlweni.

[35]

OKANYE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

- | | | | |
|-----|--------|---|-----|
| 4.1 | 4.1.1 | NguNkosikazi Hobe ✓ | (1) |
| | 4.1.2 | KuKomani ✓ | (1) |
| | 4.1.3 | Iqikelelwa kumashumi amane. ✓ | (1) |
| | 4.1.4 | Ithetha ukuthi selekhulile kwaye akamameli/ukhohlakele/uthetha rhabaxa/uyagadlela xa ethetha. ✓ | (2) |
| | 4.1.5 | Ubuso bayo bumpatshampatsha oku komntu oxhwalekileyo/ amehlo ayebomvu/ityali egqolileyo ithe wambu emagxeni/ilokhwe engumrholukutyu ehla amacala/izandla zirhabaxa/idlalisa ngeenzipho ngathi udlala ikatala. ✓✓✓ | (3) |
| | 4.1.6 | Ngumntwana kadade wabo/ngumtshana wakhe. ✓✓ | (2) |
| | 4.1.7 | Yasuka yalila/yafixiza. ✓✓ | (2) |
| | 4.1.8 | Uthi wasebenzisa ubumalana obabushiywe ngumama kaEddie phambi kokuba abhubhe. ✓✓ | (2) |
| | 4.1.9 | Yayisithi ifuna ukuncedisa amapolisa ekubambeni umntu obulele uEddie. ✓✓ | (2) |
| | 4.1.10 | UDick ngumcuphi wayefuna le ntokazi ikhululeke ize kuthetha konke. ✓✓ | (2) |
| | 4.1.11 | Kukumane ungqukruleka ngathi uza kuphinda ulile xa ubulile kakhulu/kukuphuphuma kwentliziyo ebuhlungu. ✓ | (2) |
| 4.2 | 4.2.1 | Femina House ✓ | (1) |
| | 4.2.2 | Mink Coat / Abantwana bayaliphiwa eli nqaku nokuba babhale bathini na ✓ | (1) |

- 4.2.3 Wayeyokufuna ukuqonda ukuba bangaphi na abantu abanebhatyi efana nekaLinda Monti kuba waxelelwa nguMnumzana uBumba ngenenekazi elafika eRio ngelanga lokufa kukaEddie noLulama. Eli nenekazi lalinxibe ibhatyi emfumamfuma nelokhwe yodidi oluphezulu efuna ukuqinisekisa ukuba akakho na omnye umntu onayo le bhatyi ngaphandle kukaLinda. √√√ (3)
- 4.2.4 Hayi, √ wafumanisa ukuba babini abantu abathenge le bhatyi√, omnye nguLinda, omnye bamlibele. √ (3)
- 4.2.5 Bonke babemthe ntshoo ngamehlo athethayo ...√ (1)
- 4.2.6 Ewe, xa umntu umthanda uyamthanda akukho mthetho ukunqanda ukuba ungazithetheleli.
Hayi, ilihlazo into yomfazi ozithethelelayo emadodeni, ithoba isidima imenza lula yenze naloo ndoda ingamxabisi. √√√
[Izimvo ezivakalayo ziya kwamkeleka] (3)
- 4.2.7 C Kukudibana endaweni enye. √ (1)
- 4.2.8 Yindoda endala engazange ibe namfazi/engatshatanga. √√ (2)

[35]

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

***NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

Kule ncwadi kukho inzondo nentiyo eyendeleyo ebangelwa kukunyolukela izikhundla ngondlela-mnyama. Uthi umntu akulambela isikhundla esingesosakhe abe namacebo angalunganga kuba ngawo akhawulezayo.

UMaziko uxela uNdila kwinqununu ngendlela abusela ngayo utywala ngexesha lesikolo, ethuma abafundi ukuba bamthengele. Uthi akasabuseli ngoku uyabutya.

Uyayicinezela into yokuba akanakuba sancedakala ngoku, sele nguncanyelweni. Uyamazi ukuba uMawonga unentliziyo ethambileyo uza kuhamba kade kulo mcimbi kanti ufuna aqonde ukuba ungumncedi wakhe ukuphatha isikolo kungabikho gxeke. Inkathazo yenqununu kukuba lo mfo akanasikhalazo ngakuye eklasini uyawenza umsebenzi wakhe. UMaziko uyamthibaza kuloo mbono ngokuthi ufundisa nini engumahlal'eshushu nje. Uyamzonda kakhulu, kwaye ufuna ukumbona ephelelwe ngumsebenzi.

Ngeligeni ude waphumelela uMaziko ukumqethula uNdila wanyanzeleka ukuba arhoxe emva kwentlanganiso yekomiti ebishushu ngaye. UNdila waphuma apho kweso sikolo intliziyo yakhe ibuhlungu kukuphulukana nomsebenzi wakhe. UmkaNdila wafunga wamunc'iintupha ukuba abazi kulamba bodwa abakhe abantwana. Amazwi athi uya kumenza azi ukuba inkwali iyakwazi ukuphandela enye ingenathole abonisa ukuqala kokuhlwayeleka kwembewu yolwabhici. UMaziko ngoku uhamba noNdila uyamhlohla ukuba aziphindezele kuMawonga.

UMaziko akamthandi uMawonga koko usebenzela isiqu sakhe ufuna ubunqununu mayana. Uzenza ngathi uyavelana noNdila kodwa nguye umbaseli wale mbiza ide ivuthwe nje kungenxa yakhe. Uthe akuthi intak'edla iinkozo ithiyelwa ngeenkozo, edli'nyama ngenyiki yaqala yayondelelana yonke le nto. Izabatha zithiyiwe waziyela ebaleka uMawonga emgibeni.

Uthe akunqakulwa ngumgibe, wangena weyela ebhekileni, ngathi uleqa ukubuyisa ela xesha wayengaseli, wahleka wagigitheka uNdila noMaziko neetshomi zabo kuba impindezelo isemnyango.

Uthe uMawonga akuziqonda ukuba ngoku uthukuza kumgxobhozo kaThisayo wacinga ngosapho lwakhe, ngemali yabantwana bakhe etyiwe kwaFuneka noZanele njengokuba ngoku sele engumahlhlwa nofele nje wacinga ukuziphindezela.

Kuthe kwakuhlekiswa ngaye kwaFuneka kukho noNdila waqonda ukuba uthando ngelinye ixesha luba lukhokho lobutshijolo notshaba. Waqonda ngalo mini ukuba iinyosi azinabudlelane neempukane.

Uthe xa efuna ukuvusa amahasa uNdila wanqanda uMawonga emcebisa ukuba angakhwazi engekaphumeli entsunguzini, kodwa ngokungaqondi uNdila wathi selecwanye entla kwayo. Waqonda uMawonga ukuba kuvuyiswana nokuwa kwakhe okwacwangciswa kudala ngoFuneka ngempembelelo zikaNdila.

Wafunga ukuba uza kubalungisa, njengetitshala waqula waligangatha. Uyicwangcise kakuhle impindezelo yakhe ukuze emva kokufa kwakhe icekwa lisale noNdila, Funeka kunye noZanele, babhadle etolongweni.

Watyala ndawo zonke ezibalulekileyo ubungqina obufunwa ngamapolisa ngokufa kwakhe. Bathi bakufumaneka ubungqina bagwetywa uFuneka noZanele iminyaka elishumi emnye, uNdila yena wagwetyelwa ukuxhonywa, kuba nguye owayenesilandu ngakuMawonga, kwatsho kwacaca ukuba ngenene ithambo lenyoka lihlab'elimzondayo.

[35]

OKANYE

UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NDIYEKENI – DM Jongilanga

- | | | | |
|-----|-------|--|-----|
| 6.1 | 6.1.1 | NguNdila.√ | (1) |
| | 6.1.2 | KuMawonga nakuMaziko. √√ | (2) |
| | 6.1.3 | B Uzicelela uxolo ngesenzo sakhe. √ | (1) |
| | 6.1.4 | Bobokunxila√ | (1) |
| | 6.1.5 | Ebungedleni. √ | (1) |
| | 6.1.6 | Utywala/isiselo esinxilisayo/udlomdlayo/umabaso. √ | (1) |
| | 6.1.7 | Ewe. √ Kuba uthi kudala ezama ukohlukana nesi sithembu sakhe sibutywala.
Hayi. Nangona emoshile usakwazi nokuthelekisa isono sakhe nesaba bantu athetha nabo, ngeenjongo zokuzithethelela. √√ | (3) |
| 6.2 | 6.2.1 | A Indelelo √ | (1) |
| | 6.2.2 | Iyalumkisa. √ | (1) |
| | 6.2.3 | Musa ukugqiba ngento ungekayifumani. √√ | (2) |
| | 6.2.4 | NguMawonga Loni√. | (1) |
| | 6.2.5 | Ngumfo osezintweni, ophakamileyo, intloko yesikolo, nochwenene wenene owaziwayo. √√ | (2) |
| | 6.2.6 | Kukumeyelisela etywaleni/Ukumenza aqalise aze athande ukusela utywala/Ukumdibanisa noZanele bathandane. √√ | (2) |
| | 6.2.7 | Ewe. UMawonga uphela esela emva kokucengwa ngabantu abasepatini, nto leyo ikhokelele ekubeni yindlamanzi kwakhe. √√ | (2) |

- 6.2.8 Uthandazela ukuba amfumane uMawonga njengesithandwa sakhe kwaye akwazi ukumxinzelela ekubeni asele utywala. √√ (2)
- 6.2.9 Unexhala kuba uMawonga lo waziwa ngokuba ngumntu onesidima nohloniphe umzi wakhe, kwaye akawi lula kwimigibe yabantu basetyhini. √√ (2)
- 6.3 6.3.1 Bukwinqanaba lempalalo. Lukwinqanaba lesiwo. √√ (2)
- 6.3.2 Kukusela utywala ngokungenamlinganiselo. Kukuthandana ngaphandle komtshato. Ukuhamba iipati. √√ (2)
- 6.3.3 Ufumanise ukuba ekule meko yokutya utywala nje kuthe kanti yonke le nto yayicetywe yaza yaqulunqwa nguNdila, edibene noFuneka kunye noZanele. √√ (2)
- 6.3.4 A Uyafunga kwaye uzimisele kulo nto. √ (1)
- 6.3.5 Bohlangana nenyoka iphung' umhluzi. √ (1)
- 6.3.6 Iphelele ekuthengeni impahla yendlu kaZanele noFuneka. Iphelele ekwenzeni amalungiselelo eepati. √√ (2)
- [35]

AMANQAKU ECANDELO B: 35

OKANYE

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa

Isiko lakwaXhosa lidala kunjalo nje linenkqayi. Enye yezinto ezingungqa-phambili kwisiko lakwaNtu ngumcimbi wokwendiselana. Lo mcimbi ngomnye wemicimbi ehlonitshwe kakhulu kangangokuba nokuqulunqwa kwawo uqala ngokwaziswa kwabantu abakhulu bekhaya elo, ukuze ke bona bawuthathe ngendili bawuse kumawabo ekhaya elo.

Intlonipho yakwendiselana ibonakala ngokuthi athi naxa sele edibene la Mathile umcimbi lo usingathelwe ngasemaxhantini omzi lowo. Kaloku oku kubangelwa nayinto yokuba ukwendiselana oku kufana nokwandisa umzi nanjengoko ubulawu ikukuzakhela ubuhlobo obutsha nosapho lwentombi okanye umfana lowo utshatayo.

Ngelishwa lomhluzi wamanqina apha kwibali lethu elithi “ndakuyicela ivuthiwe” sifumanisa ukutyeshelwa kwemigaqo nezinto ezingundoqo ezisikelwe eli siko kwaNtu. Apha sibona umfana wekhaya onguQolwana ezeka intombi ngendlela ethandwa nguye, ndlela leyo ibonakalisa ukungabasi so abazali bayo, amawayo kwanomzi wakowayo ngokubanzi.

Esenza oku ingaba uyazi phofu ukuba umtshato onguwo usekelezelwe kwiintsikelelo zabazali nemilowo yekhaya elo? Le nto kaQolwana yokuzithathela umfazi ikhathaza amaNdlambe kakhulu kangangokuba enye yeenkonde zalapho uMluleki ivakala isithi, “Qolwana mntwan' am, ndimdala ndingaka nje, into enjengale uyenzileyo asilosiko lalapha. Kumcimbi wobulawo akakho umntu osina ezombelela. Umtshato asinto yakho nomfazi wakho”.

Lithetha libhomboloza nje eli xhego lixhelwa umphefumlo yinto yokufumanisa kwamaNdlambe ukuba uQolwana uzizekele intombi kwaZulu, ntombi leyo ayizeka engathethanga namawabo, koko usuke wenza ihlazo lokuqhogana nomama wentombi leyo kumcimbi ohlonipheke kakhulu, umcimbi wobulawu. Inkonde enguMluleki yaleka ngelithi, izinto ezilolu hlobo azinakamva liqaqambileyo, kuba azisikelelekanga. Eneneni ke umfazi kaQolwana akamkeleki tu kwaphela kwelaMaNdlambe, iva xa esithi “igama lakhe nguNozukile, kodwa indlela aze ngayo yengazukanga tu kwaphela”.

Ukutyeshela isiko kuzala amabibi nenkcitho. Nako sibona kwalo mfazi kaQolwana edelela ubufazi ngokukhulula iimpahla zakhe zobufazi enxiba iimpahla zobuntombi nezesikolo. Le nto iwaphatha emanyeni ngakumbi amaNdlambe kangangokuba aphele emfulathela uQolwana ngenxa yokudikwa sisimilo salo mfazi esingekhoyo nangenxa yokuba efumanisa ukuba kwauQolwana lo uyamthethelela lo mfazi. Athi amaNdlambe xa ethetha naye ngale meko yalo mfazi awaphendule ngelithi, “Asingomfazi wamaNdlambe lo, ngumfazi wam”. Izinto ziye zisonakala ngokonakala kuba nanko lo mfazi eqalisa ukumana ukumka engaxelelanga mntu, aze athi akubuzwa abe yinto ibila emntwini.

Iqhubile into yokumana elahleka lo mfazi, suke uNozukile kwasa engekho wayiwola yonke eyakhe akashiya nesipeliti.

Ibali lethu liphela uQolwana ezisola ngokungamameli amazwi kaMluleki okuhlonitshwa kwesiko lakwaXhosa lokuthatha umfazi ngendlela efanelekileyo. Uthi xa ephuma endleleni umfazi wakhe waziva efana nenkunzi enqunyulwe iimpondo, eyibona kakuhle ukuba inkosikazi yakhe yenza unothanda. Nanko evakala ekhala elilela imali yakhe ayichithe efundisa umfazi oziphetheyo. Bathi naxa abantwana bakhe beyibona impilo emaxongo kayise, abaphendule ngelithi, “Bantwana bam, nam umcimbi kamama wenu andiwuqondi kakuhle”. Impendulo elolu hlobo yayibonakalisa mhlophe ukuba uQolwana uzisola ngokungathethekiyo ngokuzenza ikheswa, bekho abantu abanokumbonisa bamncede ekwenzeni izinto ngokufanelekileyo.

[35]

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa

- | | | | |
|-----|-------|---|-----|
| 8.1 | 8.1.1 | Ikhikhizela laseDangwana. ✓ | (1) |
| | 8.1.2 | Fanebekho. ✓ | (1) |
| | 8.1.3 | Wayelahlekile. ✓ | (1) |
| | 8.1.4 | Akahlambi/bubumdaka. ✓✓ | (2) |
| | 8.1.5 | Lixelegu elingenanjongo ngobomi balo. ✓✓ | (2) |
| | 8.1.6 | Wavuya. ✓✓ | (2) |
| | 8.1.7 | Kukutshipha. Kukungabi namali. Kukungakhathali. ✓✓ | (2) |
| 8.2 | 8.2.1 | MaNkosahlanga/umama kaFanebekho. ✓✓ | (2) |
| | 8.2.2 | Ngumntu ongakhathelele nto ozula apha esithubeni ongafuni kwenza nto. ✓✓ | (2) |
| | 8.2.3 | Ubefika ngokutya xa ebuyile eze kutshintsha impahla. Akaloncedo, uyadika. ✓✓ | (2) |
| | 8.2.4 | Ibuhlungu kuba ngunyana wakhe webhongo. Umbona efana nofileyo kuba ubona kusihlwa kusisa akakhathalele nto. ✓✓✓ | (3) |
| | 8.2.5 | Wayezisola ngexesha adlale ngalo, ngoku sele elikhikhizela laseDangwana. ✓✓ | (2) |
| | 8.2.6 | Hayi. Wahalala wazinza kubungantweni abibo. ✓✓ | (2) |
| 8.3 | 8.3.1 | Wayethengelwa iimpahla ezintle nebhongo ngunina. ✓✓ | (2) |
| | 8.3.2 | Kukuhamba angabuyi, akaloncedo eluntwini/uyanxila. ✓✓ | (2) |
| | 8.3.3 | Isimo sakhe esibi awungekhe usibone xa umjonge nje. ✓✓ | (2) |
| | 8.3.4 | Akaloncedo mntwini/ufana nongekhoyo. ✓✓ | (2) |

- 8.3.5 Bendingamjonga nje xa engeloncedo apha ekhaya. Ndimnike umsebenzi, ndimphe ukutya akuwugqiba/azihlambele impahla zakhe ndimyale ayeke ukunxila/ukuhamba angabuyi ngathi yinkwenkwe/ukutshixa igeyithi emva kwexesha elithile/ ukumthethisa qho esenza into embi. √√√ (3)

AMANQAKU ECANDELO C: 35

OKANYE

ICANDELO D: ISIHOBE

VUKANI MADODA KUSILE

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

IMINGCUNUBE – M Huna

- 9.1 Imingcunube yimithi efumaneka ecaleni kwemilambo. √√ (2)
- 9.2 Ngamahobohobo. √ (1)
- 9.3 Ubuhle bemingcunube bunomtsalane obuphumza okanye obukholisa amehlo. √√ (2)
- 9.4 Izolela indalo. Umhambi uphumla kule mithi. Amahobohobo aphumla kuyo. √√√ (3)
- 9.5 Bubuxoki. √ Imingcunube ibheka kwicala umoya abheka ngakulo. √ (2)
- 9.6 Ubuhle bemingcunube bosulela nemilambo esecaleni kwayo. Ubuhle bemingcunube budala uhlaza obuhombisa imilambo. √√ (2)
- 9.7 Kukuthobela. Imbeko. Uthando olululo. Ukungaqhayisi. √√√ (3)
- 9.8 A Ngumthi. √ (½)
- 9.9 Imbongi yonwabile/iyavuya. √ Kuba incoma ubuhle nothando lwemingcunube. √ (2)
- [17½]**

OKANYE

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UMNT'ONESIDIMA – LT Manyase

- 10.1 Ngumntu ozithandayo, onendili, oziphetha ngendlela efanelekileyo. √√ (2)
- 10.2 Akayigcini into ayixelelweyo. Akoyiki ukuxabanisa. Uvisa abantu ubuhlungu. √√ (2)

- 10.3 Kukuthetha phandle ungashiyi nto. ✓ (2)
- 10.4 Sisibaxo/lubabazo/lugqithiso. ✓ (1)
- 10.5 Uyazithanda kwaye akatyi yonke into. ✓✓ (2)
- 10.6 Wotheth' intw' eyiyo esidlangalaleni. ✓✓ (2)
- 10.7 B Ngabantu abaninzi. ✓ (½)
- 10.8 Xa engena ezindlwini zabantu imihla yonke. ✓✓ (2)
- 10.9 Low' uzinyamekelayo ngezambatho. ✓✓ (2)
- 10.10 Kumntu ongenasifuba. Kumntu ongakwazi kugcina nto, othetha yonke into. ✓✓ (2)
- [17½]**

OKANYE

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

INYANISO – N Mthintsilana

- 11.1 Apho kuthethwa khona inyaniso abantu abajongani ngazikhondo zamehlo, kubakho umanyano. ✓✓ (2)
- 11.2 Kukuthandana. ✓ (½)
- 11.3 Sibona ukuba liyeza kwenyaniso kwabakhathazekileyo nokwakha ubunye nemvisiswano kwisizwe. ✓✓ (2)
- 11.4 Akathandwa ngabo bangayifuniyo inyaniso. ✓✓ (2)
- 11.5 Yimvulana efafazayo neza nendyebo nobuhle emhlabeni. ✓ (1)
- 11.6 A Bubuxoki. ✓
B Bubuxoki. ✓ (2)
- 11.7 Sisifaniso. ✓ (1)
- 11.8 Liyeza elinyangayo kwabaphethwe ziindawana ezithile/abagulayo. ✓ (1)
- 11.9 Indima yenyano ekwakheni nasekudaleni okuhle ebantwini. ✓✓ (2)
- 11.10 Ungumzekelo wobuhle nethemba naxa kukubi. ✓✓ (2)
- 11.11 Unenceba✓. Unomkhokha✓. Unomzondo kwabanye. ✓ (2)
- [17½]**

OKANYE

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

ZIXOLISE – T Ndlazulwana

- 12.1 Ubomi buba namaxesha obumnandi nobubi, buyajikajika. √√ (2)
- 12.2 Okoxolo lomthi√ – isifaniso. √ (2)
- 12.3 Ezo nto zibuhlungu zenzekayo ziyegqitha, azihlali zihleli, okanye ziyanyamezeleka. (2)
- 12.4 Kuba kaloku izinto zalo mhlaba azihlali naphakade. √√ (2)
- 12.5 Kukuphelelwa ngamazwi okuncoma noxa usafuna. √ (1)
- 12.6 Kukugxininisa intlonipho anayo ngobomi nokungakwazi ukubuncoma ngokwaneleyo. √√ (2)
- 12.7 Eyona nto umbhali azama ukusibonisa yona apha kukuba ubomi yinto ejikajikayo. √√ (2)
- 12.8 Ulele ngomqolo. Ulele ejonge phezulu. √√ (2)
- 12.9 C Yisonethi.√ (½)
- 12.10 Indlela eyiyo/umgaqo onguwo.√√ (2)
- [17½]

AMANQAKU ECANDELO D: 35

AMANQAKU EWONKE: 70

IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI SENOVELI/SEDRAMAMA/SAMABALI AMA

Qaphela umahluko kumanqaku anikwa umxholo xa kuthelekiswa nalawo esakhiwo nolwimi.

ULWABIWO LWEEKHOWUDI NAMANQAKU		UMXHOLO (25) Ukuchazwa kwesihloko: Ubunzulu bezimvo, ukuzathuza nokuqondwa kakuhle komsebenzi omiselweyo.	ULWABIWO LWAMANQAKU	ISAKHIWO NOLWIMI (10) Isakhiwo, sibhalwe kwaye sinikezelwe ngokungqinelanayo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala.
Ikhawudi 7 80 – 100%	Kugqwesile 20 – 25 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo. Isincoko siphuhlile. (90+ ukugqwesa kwesincoko). - Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi. - Ubonakalisa ulwazi oluphuhlileyo lwale jenri netekisi. 	Kugqwesile 8 – 10 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Isincoko sakhiwe ngokuthungelanayo. - Intshayelelo nesiphelo zigqwesile. - Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhlilwe ngokucacileyo. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile, ziyathabathekisa kwaye zigqwesile.
Ikhawudi 6 70 – 79%	Kuphakamile 17½ – 19½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo. - Isincoko sicacile. - Unike uluhlu lwezimvo ezibhadlileyo nezixhaswe kakuhle kwitekisi. - Ulwazi lwejenri netekisi luyancomeka kakhulu. 	Kuphakamile 7 – 7½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Isincoko sakhiwe kakuhle. - Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka. - Izimvo neengcinga zilandeleka lula. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko. - Isinikezelo sihle.
Ikhawudi 5 60 – 69%	Kuphakathi 15 – 17 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko. - Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe. - Unike uluhlu lwezimvo ezibhadlileyo, kodwa azixhaswanga ngendlela egqibeleleyo. - Ulwazi lwejenri netekisi luyancomeka. 	Kuphakathi 6 – 6½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelelana ngokufanelekileyo. - Intshayelelo, isiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelana kakuhle. - Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle.

Ikhawudi 4 50 – 59%	Kuyanelisa 12½ – 14½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleyo. - Amanye amanqaku akhe axhasa isihloko ngokwanelisayo. - Ezinye izimvo ziyaxhasa nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncam. - Ulwazi lwejenri netekisi lukwizinga eliphantsi. 	Kuyanelisa 5 – 5½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Bukho ubungqina besakhiwo obubonakalayo. - Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathelanayo. - Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. - Imihlathi ithande ukuchaneka.
Ikhawudi 3 40 – 49%	Kuzamekile 10 – 12 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo. - Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci kakhulu. - Izimvo aziphuhlanga kwaye zixhaswa kancinci ngoko kukwitekisi. - Umfundi akakayilandeli ncam le jenri netekisi. 	Kuzamekile 4 – 4½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Uyilo kunye/okanye isakhiwo zixazalala. - Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo. - Imihlathi ixazalala. - Kukhoubungqina beziphene zolwimi. - Ithoni nesimbo zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo.
Ikhawudi 2 30 – 39%	Kunzinyana 7½ – 9½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Akasilandeli tu isihloko. - Isincoko sibonakalisa ukuphinda-phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni. - Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala/nezimvo azixhaswa ngetekisi. - Akanalo tu ulwazi lwale tekisi nejenri. 	Kunzinyana 3 – 3½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Ukulandelelana kakuhle kwezimvo kuchatshazelwa lubhalo oluxazalala nesakhiwo esingacwangciswa kakuhle. - Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo tu.
Ikhawudi 1 0 – 29%	Kunzima 0 – 7 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile. - Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa ngetekisi. - Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale tekisi nejenri. 	Kunzima 0 – 2½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisiwe. - Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo. - Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano. - Ulwimi lufe amanqe. - Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni.